NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATION
NOVEMBER 2025

# ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO: IPHEPHA II
# ISIXHOSA FIRST ADDITIONAL LANGUAGE: PAPER II

## ISIKHOKELO SOKUMAKISHA
## MARKING GUIDELINES

Ixesha: 2½ iiyure                                                                 Amanqaku: 100

---

**These marking guidelines are prepared for use by examiners and sub-examiners, all of whom are required to attend a standardisation meeting to ensure that the guidelines are consistently interpreted and applied in the marking of candidates' scripts.**

**The IEB will not enter into any discussions or correspondence about any marking guidelines. It is acknowledged that there may be different views about some matters of emphasis or detail in the guidelines. It is also recognized that, without the benefit of attendance at a standardisation meeting, there may be different interpretations of the application of the marking guidelines.**

---

IEB Copyright © 2025

## ICANDELO A UNCWADI

## INOVELI: *Tata Sikuxolele!* – Thembisile Nkundlwana

## UMBUZO 1 UMHLATHI NGABALINGANISWA

1.1 1.1.1 NoNkosikazi Jali.

1.1.2 Uthengisa iziqhamo kwisiphambuka esingasesitishini senqwelo-moya eMonti.

1.1.3 UNdabazipheli ukhutshwa okwenja kwindlu ebehlala kuyo noKatrina ngamadoda ebehamba nomyeni kaKatrina.

1.1.4 UNdabazipheli ngumyeni kaMamThembu,ngutata wamawele no-Asaphila,wayengumsebenzi waseBerkshire,usebenza kwisitishi senqwelo-moya eMonti.
**[Nasiphi isibini seempendulo kwezi]**

1.1.5 Kuba bayazana kwaye basebenza kwisitishi senqwelo-moya bobabini/ uNkosikazi Jali ujonge abantwana bakaNdabazipheli / uNdazazipheli ngumphathi kaNkosikazi Jali.
**[Nayiphi impendulo enye kwezi]**

1.1.6 NguCharles Jansen /amadoda ayehamba nomyeni kaKatrina.

1.1.7 Ucingo./Imfonomfono

1.1.8 Ebesetrongweni.

1.1.9 NguMamThembu, kuba nguye inkosikazi kaNdabazipheli/ washiywa nguNdabazipheli wayohlala noKatrina lo umjikelayo namhlanje.

1.2 1.2.1 Bayathandana.

1.2.2 Unobuqhophololo, ungumbulali. /udlala amadoda.

1.2.3 Zezokuba kuthe kanti uKatrina utshatile ngelixa ethandana naye.

1.2.4 Wambhatalela ityala lendlu yakhe izakuthathwa yibhanki.

1.2.5 Hayi, kuba wayengabonisi mdla xa ethetha naye ngento ehlangene nokuba batshate

IEB Copyright © 2025

## ICANDELO A IRUBRIKI YOKUHLOLA IDAYALOGU/INCOKO

## UMBUZO 3 & 4

| ISIQULATHO | Igqwesile | Inomfaneleko | Inomthamo | Buthathaka | Bubhetyebhetye |
|---|---|---|---|---|---|
| | 3 | 2.5 | 2 | 1 | 0 |
| **Isakhiwo: Uyilo, Intshayelelo, Isiqu nesiphelo** | Isicwangciso siphelele kwaye sinayo intshayelelo, isiqu nesiphelo. Intshayelelo ibonisa ukuqondwa komxholo. Umfundi uyabazi abalinganiswa kwaye umnike ithuba lokuthetha umlinganiswa ngamnye. Umfundi utsibe umgca emva kwesithethi ngasinye. Imihlathi nesiphelo sibonisa ukuqondwa kwesihloko nokuphumelela kwenjongo yobhalo. | Isicwangciso sikhona kwaye siyayibonisa intshayelelo, isiqu nesiphelo. Umfundi uyabazi abalinganiswa kwaye umnike ithuba lokuthetha umlinganiswa ngamnye. Umfundi akawutsibi umgca emva kwesithethi. Isiphelo sibonisa ukuqondwa kwesihloko nokuphumelela kwenjongo yobhalo. | Isicwangciso sikhona kodwa asikho isiphelo/ intshayelelo. Umfundi akawutsibi umgca emva kwesithethi. Akawabhalanga ngokupheleleyo amagama abalinganiswa. | Umfundi usizamile isicwangciso kodwa siyasilela. Imihlathi emva kwesithethi ayikho. Ayikho intshayelelo nesiphelo. Incoko ayiphelelanga. Injongo yobhalo ayiphunyezwanga. | Asikho isicwangciso, ukuba sikhona siyasilela/ asiphelelanga. Akukho mihlathi. Umfundi ubhale izivakalisi ezimbini/ ntathu kwabe kuphelele. |
| | 9–7 | 7–5 | 5–3 | 3–1 | 1–0 |
| **Umongo** | Umfundi uhleli emxholweni kwaye uwuphendule kakuhle umbuzo. Usebenzise amazwi akhe ngendlela efanelekileyo evakalisa iingcinga zomlinganiswa kwisimo akuso. Amagama akhethiwe ze loo nto yenza kwaphuma idayalogu ekwizinga eliphezulu. Kukho unxulumano kwizimvo zabalinganiswa. Ubude bencoko bamkelekile. Iimpendulo zibonisa ukuba umfundi uyalilandela ibali kwaye uyabazi abalinganiswa bakhe. Incoko yababini ibonisa ukutshintsha kwemeko okanye impixano kubalinganiswa. | Umfundi uwulandela kakuhle umxholo. Usebenzise amazwi akhe ngendlela efanelekileyo. Amagama akhethiwe nangona kukhona ukugwidiza okungephi. Ubude bencoko bunomfaneleko. Umfundi ubambelele kwincoko yakhe nangona engawachaphazelanga onke amanqaku abekiweyo. | Umfundi uzamile ukuphendula umbuzo nangona engawasebenzisa nga ngendlela efanelekileyo amazwi omlinganiswa Ngamanye amaxesha luyalahleka unxulumano kwizimvo zabalinganiswa ngamanye amaxesha ze loo nto yenze ukuba awulahle umxholo. | Umfundi akafikeleli kwiimfuno zencoko. Uphendula apha aphendule phaya. Mabini/ mathathu amanqaku awabhalileyo ukuphendula umbuzo. Iingcinga zomlinganiswa ziyasilela kumaxesha amaninzi ngobunyani. Incoko ayibonisinto ngotshintsho kwimpixano. | Umfundi akaphenduli mbuzo/ akawazi ukuba umbuzo ufuna ntoni. Umfundi ubhala ecima. Umfundi ukhuphela umbuzo njengoko unjalo. Isigama sinqongophele. Kumnyama kakhulu. Ulwazi lwencwadi lunqongophele. Incoko ayinikisi mdla. Umfundi akayiphumezanga injongo yobhalo lwakhe. |

| | 3 | 2.5 | 2 | 1 | 0 |
|---|---|---|---|---|---|
| **Ulwimi nesimbo sokubhala** | Incoko ayinazo iimpazamo zolwimi.Ukuba zikhona zimbalwa kakhulu. Amamagama abalinganiswa neendawo eliqhubeka kuyo ibali zipelwe ngendlela efanelekileyo. Ulwimi lusulungekileyo kwaye luyayiphumeza injongo yobhalo. Izivakalisi zinentsingiselo njengoko zicacisa ngokuphandle incoko yababini. | Zimbini zintathu iimpazamo zolwimi. Abalinganiswa nendawo eliqhubeka kuyo ibali zipelwe kakuhle. Ubukhulu betekisi abunazo iimpazamo zegrama. Izivakalisi zilula ze loo nto yenza ukuba kubelula ukuyilandela incoko. | Iimpazamo zolwimi aziphazamisanga intsingiselo yobhalo. Incoko iyalandeleka. Izivakalisi zikwazile ukuphuhlisa intsingiselo nangona zingakwenzanga oku ngokupheleleyo. Isigama sinqongophele. | Incoko inazo iimpazamo zolwimi. Isigama sinqongophele. Umfundi usebenzisa amagama esiNgesi ubukhulu betekisi yakhe. Izivakalisi zimfutshane kwaye azixhaswanga. | Incoko ineempazamo ezininzi zolwimi. Umfundi akalilandeli kwaphela ibali. Ubhidanisa abalinganiswa, akuvakali nentsingiselo yobhalo. Umfundi akayigqibanga incoko yakhe. |

## ICANDELO B IRUBRIKI YOKUHLOLA ISINCOKO SONCWADI (25)

## UMBUZO 5 & 6

| AMANQAKU | UMHLATHI OTSHAYELELAYO | IMIHLATHI/ISIQU NOCWANGCISO | UKUHLALUTYA/ UKUPHENDULA IMIBUZO | ULWIMI | UKWAKHIWA KWEZIVAKALISI (AMAGAMA, IZIPHUMLISI, UPELO) |
|---|---|---|---|---|---|
| **22–25 Ugqwesile** | Intshayelelo ibonisa ingqiqo nolwazi olunzulu ngesihloko. Iingcamango zikwizinga eliphezulu kakuhle kwaye zivavanya iimbono ezithile ngesihloko esibekiweyo. | Izivakalisi zinxulumene nesihloko. Imihlathi icwangciswe ngendlela efanelekileyo. Kukho ulandelelwano. Oku kwenza ukuba umxholo wezivakalisi ucace. | Isincoko siphendula umbuzo, ingxaki. Iimpendulo zibonisa ubunyani ngesihloko. Izimvo zixhaswe ngokupheleleyo. Iimpendulo zicacile kwaye zicingiwe. | Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zisetyenziswe ngendlela efanelekileyo. Oku kwenza ukuba injongo yombhali iphuhle nomyalezo ucace. | Isincoko sinezivakalisi ezahlukileyo. Amagama, isakhiwo sezivakalisi (ubude) kugqwesile. Iziphumlisi, upelo magama zisetyenziswe kakuhle kakhulu. Isincoko sinika umdla kakhulu. |
| **17–21 Inomfaneleko** | Intshayelelo yazisa isihloko ngokubanzi. Kukho unxulumano phakathi kwesihloko nentshayelelo. Iingcamango zisifanele isincoko kwaye zivavanya iimbono ezithile ngesihloko. | Izivakalisi zinxulumene nesihloko. Imihlathi ibekwe ngendlela efanelekileyo kodwa ifomathi inako ukusilela. | Isincoko siphendula umbuzo, ingxaki. Iimpendulo zibonisa ukuqondwa kwesihloko. Izimvo zibekiwe kwaye zixhasiwe hayi ngokupheleleyo. | Ithoni, isimbo nolwimi zisebenziseke kakuhle kumaxesha amaninzi. Ubhalo luyalandeleka. | Amagama nezivakalisi zisetyenziswe ngendlela echanekileyo nangona zikhona iimpazamo apha naphaya. Isincoko siyafundeka. |
| **10–16 Iyanelisa** | Intshayelelo ikhona kodwa ayicacisi ngokwaneleyo umxholo. Iingcamango ziyanelisa. | Izivakalisi azinxulumananga nomxholo. Imihlathi ayakhekanga ngendlela efanelekileyo. | Isincoko siyawuphendula umbuzo kwezinye indawo. Izimvo azixhaswanga ngokufanelekileyo. | Kukho iimpazamo ezincinci zolwimi. Ithoni inako ukungaqondakali. Isincoko siyakwazi ukulandeleka. | Amagama nezivakalisi zisetyenziswe ngokwanelisayo. Iimpazamo kupelo nendlela ezisetyenziswe ngayo iziphumlisi ziyasilela. |
| **5–9 Kuzamekile** | Intshayelelo yesincoko ikwizinga eliphantsi. Akhonto iyithethayo ngesincoko. Umfundi uthetha apha naphaya. | Isincoko sinako ukubhida. Alukho unxulumano. Izimvo zibekwe zonke ngaxesha-nye. Umfundi uxoxa ngomxholo omnye. Imihlathi ayixhasi isihloko. | Uyazama ukuphendula umbuzo kodwa akacacisi kwaye akazixhasi. Ushiya kulenga-lenga. Amanqaku amaninzi awahambelani neemfanelo zesihloko. | Ulwimi, isimo nethoni zikwizinga eliphantsi. Alukho ulandelelwano. Kusetyenziswe ulwimi olungafenelekanga nolungayiphumeziyo injongo yobhalo. | Izivakalisi azisetyenziswanga ngendlela echanekileyo. Upelo, iziphumlisi azisetyenziswanga kakuhle. Loo nto yenza ukuba isincoko singafundeki kwaye singaniki mdla. |
| **0–4 Buthathaka** | Umfundi akakwazanga ukuphumeza iimfanelo zesincoko. | Umfundi akakwazanga ukuphumeza iimfanelo zesincoko. | Umfundi akakwazanga ukuphumeza iimfanelo zesincoko. | Umfundi akakwazanga ukuphumeza iimfanelo zesincoko. | Umfundi akakwazanga ukuphumeza iimfanelo zesincoko. |

IEB Copyright © 2025

## ICANDELO B IRUBRIKI YOKUHLOLA IMIHLATHANA EMIDE (20)

## UMBUZO 7 & 8

| ISIQULATHO | Balaseleyo Khowudi 7 100–80% | Mfaneleko Khowudi 6 79–70% | Enomthamo Khowudi 5 69–60% | Anele Khowudi 4 59–50% | Phakathi Khowudi 3 49–40% | Buthakathaka Khowudi 2 39–30% | Bubhetyebhetye Khowudi 1 29–0% |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| **AMANQAKU** | **14–13** | **12–10** | **9–8** | **7–6** | **5–4** | **3–2** | **1–0** |
| **UMONGO, UYILO NEFOMATHI (14 AMANQAKU)** | Umxholo nocwangciso zibonakalisa ingqiqo nolwazi OLUNZULU ngesihloko. Iingcamango zivuthiwe. | Umxholo nocwangciso zibonakalisa ukuchaneka kokutolikwa kwesihloko. Izimvo zibhadlile zenza kwaphuma ileta ekwizinga eliphakamileyo. | Umxholo nocwangciso kubonakalisa ukuchaneka kokutolikwa kwesihloko. Ileta inomfaneleko. Izimvo zenze isihloko saphumelela. | Umxholo, isicwangciso, izimvo konke kuyanelisa. Iingcamango ziqhelekile kwaye ziyasilela ngobunzulu. | Umxholo, ucwangciso nezimvo kuzamekile noxa nje kusekho izikroba kunamathelwano. Iingcamango uninzi lwazo zinxulumene. | Umxholo, izimvo nothungelwano azibekelwanga kakuhle. Iingcamango zinqongophele. Kusoloko kuphindwaphindwa into enye. | Umxholo, uthungelwano lwezimvo kuyingxaki enkulu. Isihloko asikho mxholweni. Kwaye alukho unamathelwano. Iingcamango azibonisi ngqiqo kwaye zihambela kude nesihloko. |
| | **6** | **5** | **4** | **3** | **2** | **1** | **0** |
| **ULWIMI, ISIMBO NOKUHLELA (6 AMANQAKU)** | Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi, uchongomagama nobungqina bohlelo konke kugqwesile. Ulwimi lusulungekile kwaye lusetyenziswe ngempumelelo enkulu nangoku-fanelekileyo. Ubuchule kwisakhono solwakhiwo kwezivakalisi imihlathi kugqwesile. | Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi, nochongomagama nobungqina bohlelo konke kukwizinga eliphakamileyo. Ulwimi lusulungekile kwaye lusetyenziswe ngokuchanekileyo. Ubuchule kwisakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo nobude kuphakamile kakhulu. | Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi, nochongomagama nobungqina bohlelo konke zisetyenziswe ngokuchanekileyo kumaxesha amaninzi. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi imihlathi, izimvo nobude kukwizinga eliphakathi. Ubukhulu beleta abunazimposiso. | Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi, nochongomagama nobungqina bohlelo, kulula. Ileta ihambelana neemfuno zesihloko gabalala. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo. Ileta inazo iimposiso. | Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi, uchongomagama, ubungqina bohlelo konke kuphakathi. Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude zizamekile ukuphuhla nangona ileta inazo iziphoso. | Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi, uchongomagama nobungqina bohlelo konke kuyahexa. Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude aziphuhlanga ncam. Ileta ineziphoso ezininzi. | Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi, uchongomagama nobunzima kohlelo konke kunzima kakhulu. Ulwimi lusetyenziswe tenxileyo ngokugqithisileyo. Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi nezimvo aziphuhlanga kwaphela. Ileta idlakadlaka ziimposiso. |

## IRUBRIKI YOKUHLOLA IMIHLATHANA EMIFUTSHANE (10)

## IFLAYA/IPOSTA – UMBUZO 11

| ISIQULATHO | Ugqwesile | Inomfaneleko | Inomthamo | Buthakathaka | Bubhetyebhetye |
|---|---|---|---|---|---|
| Uyilo nefomathi | 10 | 9–8 | 7–5 | 4–2 | 1–0 |
| | Iposta okanye iflaya inomtsalane kwaye iyafundeka. Umfundi ulandele onke amanyathelo afunekayo okwenziwa kweflaya okanye iposta. Iflaya okanye iposta ilungulelaniswe/icwangciswe ngokoluhlu lwezinto ezifunekayo xa kusenziwa olu hlobo lobhalo. Ubungqina bokuceba buvelise ubhalo olungenazimpazamo. Umfundi ugqwesile. | Iposta okanye iflaya inomtsalane kwaye iyalandeka. Umfundi ulandele phantse onke amanyathelo afunekayo okwenziwa kweflaya okanye iposta. Iflaya okanye iposta ilungulelaniswe/ icwangciswe ngokoluhlu lwezinto ezifunekayo xa kusenziwa olu hlobo lobhalo. Ubungqina bocebo benze kwaphuma ubhalo olufanelekileyo. Umfundi uphumelele. | Iposta okanye iflaya iyalandeleka nangona umfundi engafikelelekanga kuwo onke amanyathelo afunekayo okwenziwa kweposta okanye iflaya. Iflaya okanye iposta iphumelele nangona kusekho ukusilela ekulungulelanisweni/ icwangciswe ngokoluhlu lwezinto ezifunekayo kolu hlobo lobhalo. Ubungqina bocebo buvelise itekisi engenazimpazamo ezininzi. Uyanelisa. | Umfundi uyasilela ukuluphumeza olu bhalo. Umfundi uphumeze amanyathelo amabini kuphela. Iflaya okanye iposta kunzima ukuba ifundeke ngenxa yokusilela kocwangciso kuluhlu lwezinto ezifunekayo xa kusenziwa olu bhalo. Ubhalo alwanelisi njengoko lungayiphumezi injongo. | Umfundi akalandelanga indlela efanelekileyo neyamkelekileyo yokwenza iflaya/iposta. Iflaya okanye iposta azifundeki. Uyilo necwangciso aziphumelelanga. Umfundi akaphumelelanga. |
| Umongo | Umongo ucacisa isihloko ngupheleleyo. Izimvo zibonakalisa ingqiqo nolwazi olunzulu ngesihloko. Umyalezo ucace gca. | Umongo ucacisa ukuchaneka kwesihloko. Izimvo zibonakalisa ulwazi nokusiqonda isihloko. Umyalezo ucacile. | Umongo ubonakalisa ukuchaneka kwesihloko. Izimvo ziyanelisa zenze iposta okanye iflaya yaphumelela. Umyalezo uyahambelana nesihloko kodwa hayi ngokupheleleyo. | Izimvo nengcamango azicacisi ngokupheleleyo isihloko. Oko kwenze kwaphuma ubhalo olusilelayo. Umyalezo unako ukubhida njengoko ungahambelani nesihloko. | Umfundi ugqwidizile. Uwazi neengcamango zinqongophele. Umyalezo awuvelanga tu kwaphela. |
| Ulwimi | Ulwimi luphakamile kwaye lusetyenziswe ngendlela esulungekileyo. Akukho mpazamo zegrama nopelo-magama. | Ulwimi, upelo-magama negrama lusetyenziswe ngendlela efanelekileyo. Ubukhulu beposta okanye iflaya abunazimposiso. ezincinci ntsingiselo | Ulwimi, upelo magama negrama kulula. Zikhona iimpazamo zegrama kodwa akuphazamisi indlela olufundeka ngayo ubhalo. | Zininzi iimpazamo kulwimi, igrama nopelomagama. Ubhalo luyahexa. | Iimpazamo kulwimi, upelo negrama ziphazamisa yonke intsingiselo yobhalo. |
| Imizobo nemifanekiso | Inomtsalane omkhulu kwaye iyawucacisa ngokupheleleyo umxholo. | Inomtsalane njengoko iphumeza ngokupheleleyo injongo yobhalo. | Imizobo nemifanekiso iyanelisa. | Uzamile ukuzoba nangona ingacacanga. | Ayikho imizobo nemifanekiso ukutsala ingqondo yomfundi. |

## RUBRIKI YOKUHLOLA IMIHLATHANA EMIFUTSHANE (10)

## UMBUZO 12

| ISIQULATHO | Balaseleyo Khowudi 7 100–80% | Mfaneleko Khowudi 6 79–70% | Enomthamo Khowudi 5 69–60% | Anele Khowudi 4 59–50% | Phakathi Khowudi 3 49–40% | Buthathaka Ikhowudi 2 39–30% | Bhetye-bhetye Khowudi 1 29–0% |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| **AMANQAKU** | **6** | **5** | **4** | **3** | **2** | **1** | **0** |
| **UMONGO, UYILO NEFOMATHI (6 AMANQAKU)** | Umxholo nocwangciso bubonakalisa ingqiqo nolwazi OLUNZULU ngesihloko. Isincoko sigqibelele kwaye asinamakhwiniba. | Umxholo nocwangciso zibonakalisa ukuchaneka kokutolikwa kwesihloko. Iingcamango zihlakaniphile kwaye zinika umdla. | Umxholo ubonisa ukusiqonda isihloko. Isicwangciso senze kwaphuma isincoko esilunge kakhulu. | Umxholo, izimvo, isicwangciso konke kwenze kwaphuma isihloko esinomfaneleko nesamkelekileyo. | Umxholo, isicwangciso nezimvo konke kwenze kwaphuma isincoko esiphakathi nesinamatheleneyo. Kuzamekile noxa kusekho izikroba. | Umxholo, izimvo nothungelwano kwenze kwaphuma isincoko esingabekelwanga kakuhle. Isicwangciso sintama ukungabikho kwenkathalo. | Umxholo, uthungelwano lwezimvo kuyingxaki enkulu. Isicwangciso asibonisi ngqiqo kwaye sixazalala. |
| | **4** | **3½** | **3** | **2½** | **2** | **1** | **0** |
| **ULWIMI, ISIMBO NOKUHLELA (4 AMANQAKU)** | Ungqaliselo kulwimi, iziphumlisi, uchongo-magama nobungqina bohlelo konke kugqwesile. Ubuchule nesakhono kulwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude kugqwesile. | Ungqaliselo kulwimi, iziphumlisi, uchongo-magama nobungqina bohlelo konke kukwizinga eliphakamileyo. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude zikwizinga eliphakamileyo. | Ungqaliselo kulwimi, iziphumlisi, uchongomagama nobungqina bohlelo konke kuphakathi. Ulwimi luqhelekile. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude zonke zikwizinga eliphakathi. | Ungqaliselo kulwimi, iziphumlisi, uchongomagama, nobungqina bohlelo konke kuyanelisa. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo, nobude kuyanelisa. | Ungqaliselo kulwimi, uchongomagama, nobungqina bohlelo konke kusetyenziswe ngokungachanekang a. Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude ziyahexa ziimposiso. | Ungqaliselo kulwimi, iziphumlisi, uchongo-magama, nobungqina bohlelo konke kusenzinyana. Ulwimi lusetyenziswe tenxileyo ngokugqithisileyo. Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude aziphuhlanga ncam. | Ungqaliselo kulwimi, iziphumlisi, uchongomagama, nobungqina bohlelo konke akuphunyezwanga. Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude aziphuhlanga kwaphela. Itekisi idlakadlaka ziimposiso. |

**IMIHLATHI EMIFUTSHANE IYA KUHLOLWA NGOLU HLOBO:**

| ISIQULATHO | AMANQAKU |
|---|---|
| A: Umongo, uyilo, nefomathi<br>B: Ulwimi, isimbo, nokuhlela | 6<br>4 |
| **AMANQAKU EWONKE** | **10** |

**Amanqaku ewonke: 100**

IEB Copyright © 2025